# ISALATHISO

## Ikota 1


Ibali loku-1: Ndingubani? ( Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 1

Ibali lesi-2: Izicengcelezo. . . . . . . . . . . . 5

Ibali lesi-3: Amalungelo ethu ( Ibali elinika ulwazi). . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 9

Ibali lesi-4: Umthombo ongomiyo (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 13

Ibali lesi-5: Sixoxa ngemozulu (Umdlalo) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 17


## Ikota 2


Ibali lesi-6: Ukudlala esikolweni (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 21

Ibali lesi-7: Ixabiso leentsimbi (Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 25

Ibali lesi-8: Imibongo . . . . . . . . . . . . 29

Ibali lesi-9: Ilungelo eliyimfundo noxanduva (Ibali elinika ulwazi) . . . . . . 33

Ibali le-10: Uphi utitshalakazi wethu?(Ibali elingeyonyani) . . . . . . . . . 37


## Ikota 3


Ibali le-11: Sisebenzisa imizimba nengqondo (Ibali elingeyonyani) . . . . . 41

Ibali le-12: Ukuqumba kwesibhaka-bhaka (Intsomi). . . . . . . . . . . . . . . . . . . 47

Ibali le-13: UNobuhle (Intsomi). . . . . . 53

Ibali le-14: Iingoma nezicengcelezo . 58

Ibali le-15: Ukukhathalela impilo (Ibali eliyinyani) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 64


## Ikota 4


Ibali le-16: Imibongo . . . . . . . . . . . . . 70

Ibali le-17: uMaphephazana nesele (Intsomi) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 77

Ibali le-18: Okusingqongileyo . . . . . . 84

Ibali le-19: Indalo ngokubanzi (Ibali eliyinyani) . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . . 91

Ibali lama-20: Amakhwenkwe amathathu ahlakaniphileyo (Umdlalo). 98

Amagama neenkcazelo . . . . . . . . . . . 105

# Ibali loku-1: Ndingubani?

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Umntu wonke uthiywa igama lakhe. Ungubani wena igama lakho?
2. Iminyaka yakho mingaphi?



Igama lam ndingu-Izibele. Ifani yam nguKhanyiso. Ndineminyaka esixhenxe ubudala. Ndazalelwa elalini yaseNcerha, eMonti. Ndizelwe ngomhla wesibini kwinyanga ka Matshi ngonyaka ka-2017. Ndifunda esikolweni samabanga aphantsi. Xa ndimdala, ndifuna ukuba ligqwetha. Ndibathanda kakhulu abazali bam, nodade wethu ngokuba bayandikhuthaza. Ndiyakuthanda ukonwaba nokudlala nabahlobo bam.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 1 2025/10/12 10:02



Igama lesikolo sam yiNikulwazi. Sisedolophini eMonti. Utitshala omkhulu nguMnumzana Kubheka.

Utitshalakazi weklasi yam nguNkosikazi Mtshali.
Ndikhwela iteksi xa ndisiya esikolweni.

Abanye abafundi bakhwela ibhasi, abanye bakhwela iimoto,

abanye bahamba ngeenyawo.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 2 2025/10/12 10:02



Mna ndiyakuthanda ukusoloko ndifunda.

Ndifunda ngezinto ezintsha. Ndifuna ukwazi nzulu ngazo.

Mna nabahlobo bam sithanda ukudlala ibhola,neminye imidlalo. Ukuzimela,sifunane, side sifumanane.

Ngelinye ixesha, sibukela iinkqubo zakumabonakude, sicule sisonke kube mnandi.

Sonke sithanda ukufunda izifundo zeNzululwazi.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 3 2025/10/12 10:02

Ndiyabulisa kuni nonke.  Mna ndingu-Ikhabod igama lam.

Ndingumfundi webanga loku-1.

Ndiyaziwa ukuba, ndingumfundi ofunda ngokukhawuleza.

Izifundo kum zingena msinya engqondweni.

Ndibulela utitshala wam.

Ndingumfundi okwaziyo ukuthetha esidlangalaleni. Ndiyathetha phambi

kwabantu ngaphandle koloyiko.

Ndihamba phambili kwisoka, ngumdlalo endiwuthanda kakhulu. Abahlobo bam abawuthandi njengam umdlalo wesoka.



## Imibuzo emva kokufunda

1. Ngubani umlinganiswa ophambili kweli bali?
2. Xela igama lesikolo awayefunda kuso ulzibele.
3. Zintoni athanda ukuzenza ulzibele?
4. Nika iindidi zezithuthi abafundi abazisebenzisayo ukufika esikolweni.

**Umsebenzi**

5. Yenza umthi wosapho lwakho.  Buza ekhaya ukuba kuqala bani.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 4 2025/10/12 10:02

# Ibali lesi-2: Izicengcelezo

## Imibuzo phambi kokufunda

**1.** Jonga lo mfanekiso ongezantsi. Xela ukuba ubona ntoni?

**2.** Yintoni esikwazi ukuyenza ngayo?



## Itipoti

Mna ndiyitipoti.
Esi sisiciko.
Lo ngumqheba.
Lo ngumlomo.
Ndithulule, ndithulule.
Thulula!
Ndithulule, ndithulule.
Thulula!

## Imibuzo emva kokufunda

**1.** Xela amalungu etipoti.


**2.** Chonga igama elibonisa ukugalela apha kulo mbongo.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 5 2025/10/12 10:02

## Imibuzo phambi kokufunda

**1.** Yintoni le ilapha kulomfanekiso?



## Umthi

Mna ndingumthi.
La ngamasebe.
La ngamagqabi.
Esi sisiqu.
Ezi ziingcambu.
Ndiwile, ndilele.
Ndiwile, ndilele.

## Imibuzo emva kokufunda

**1.** Dwelisa amalungu omthi abaziweyo.
**2.** Uthini umbala wamagqabi alo mthi?
**3.** Zoba umthi encwadini yakho uze ufake imibala.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 6 2025/10/12 10:02

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Yintoni le ikulo mfanekiso?
2. Unayo wena inja?



## Inja yam

Iphi inja yam encinane?

Iphi inja yam? Iphi?

Endleb'imfutshane
nomsil'omde.

Iphi inja yam? Iphi?

## Imibuzo emva kokufunda


1. Xela ukuba le nja ineendlebe ezinjani nomsila onjani?



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 7 2025/10/12 10:02

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Sesiphi esi silwanyana silapha kulo mfanekiso?
2. Singawubona phe uMvundla?



## Umvundlana

Umvundlana othile,

Wahamb'ufun'ukutya.

Wafika entsimini,

Iimbotyi zilityholo.

Watya wahlutha.

Wanyantsula wagoduka,

Wanyantsula wagoduka.



## Imibuzo emva kokufunda

1. Umvundla wafika phi?
2. Umvundla wafika watya ntoni wahlutha?
3. Kukuthini ukunyantsula?




9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indd 8 2025/10/12 10:02

# Ibali lesi-3: Amalungelo ethu

## Imibuzo phambi kokufunda

1. Yintoni amalungelo?
2. Yintoni uxanduva?




Bonke abantu eMzantsi Afrika banamalungelo. Amalungelo abhaliwe kumGaqo-siSeko waseMzantsi Afrika. Nabantwana banawo awabo amalungelo. La malungelo ahamba noxanduva. Uxanduva luthetha ukuthi nawe mnikazi welungelo kufuneka ubacingele abanye abantu. Nawe unento ekufuneka uyenze, ungasongi izandla ulindele ukwenzelwa kuphela.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 9 2025/10/12 10:02



Abantwana banelungelo lokukhathalelwa ngabazali babo.

Kufuneka balufumane unyango xa lufuneka.

Nomntwana kufuneka azibike xa engaziva kamnandi egula.

Luxanduva lomzali ukuqinisekisa ukuba umntwana uwasela ngendlela efanelekileyo amayeza.

Lilungelo lomntwana ukuba angaphathwa kakubi okanye gadalala.


Umntwana ophethwe kakubi uhlala ephakuphaku. Akonwabi kwaye akadlali nabanye.

Umntwana kufuneka angasetyenziswa nzima.

Imisebenzi enzima yeyabantu abadala.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 10 2025/10/12 10:02



Umntwana xa onile kufuneka kwaziswe abazali bakhe.

Umntwana unelungelo lokuhlaliswa endaweni ecocekileyo.

Kufuneka umntwana ayigcine le ndawo icocekile.

Abantwana banelungelo lokunikwa ukutya.

Nabo kufuneka bangadlali ngokutya.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 11 2025/10/12 10:02

Umntwana unelungelo lokuba negama nobuzwe bakhe esafika emhlabeni. Umntwana makaphatheke kakuhle nokuba utshintshelwa kolunye usapho. Umntwana unelungelo lokufunda, naye akukhuthalele ukufunda. Xa umntwana entlontwa okanye ephethwe kakubi. Kufuneka kwaziswe amapolisa nonoontlalontle.Nazi onokuzitsalela 0800 055 551. Ungatsalela nale inombolo ethi, 116.




## Imibuzo emva kokufunda

1. Xela ilungelo lomntu omdala nelomntwana olivileyo ebalini.
2. Lahluke njani ilungelo kwixanduva?
3. Ucinga ukuba kwenzeka ntoni kumntu ongawahloniphiyo amalungelo abanye abantu?
4. Uyavumelana nokuba ilungelo malihambelane noxanduva? Ngoba?

**Umsebenzi**

5. Sebenzisa i-intanethi ukhangele iinombolo nokuba zintathu abantu abanokuzitsalela xa besengxakini ngezinto ngobomi. Zibhale phantsi utsho ukuba zenzantoni, zeziphi iindawo.



9781779891259_plt_lan_g01_ssa_xho_za.indb 12 2025/10/12 10:02